Isixhosa First Language SG P2 **November 2007**

ICANDELO 2A

OKUQAPHELEKILEYO

- Eli phepha lesiXhosa uLwimi loKuqala uHlelo oluPhakathi belibhalwa ngabafundi abaphangelayo nabafunda ngokuhlwa.

- Lukhona utshintsho oluncomekayo kwindlela abaqhube ngayo abafundi balo nyaka kwabo balo nyaka uphelileyo. Oku kubonisa ukuzimisela kootitshala besiXhosa abafundisa aba bafundi kodwa isekhona imiba efuna ukuphuculwa.

- Kuye kwaqapheleka ukuba abanye abafundi abanazo iincwadi ezizezabo kwaye oku kuye kube neziphumo kwindlela abaphendula ngayo imibuzo. Kuye kwacaca nje elubala ukuba abanalo ulwazi oluphangaleleyo ngoko kuqhubeka encwadini. Umfundi uye abhidanise kwa-amagama abalinganiswa ngokuthi akhankanye abalinganiswa abakwiNoveli kwimibuzo efuna amagama abalinganiswa abakwiDrama.

- Kwicala lokuphendula imibuzo efuna uhlalutyo nengqiqo kwimibongo kuba nzinyana kuba kaloku abafundi abakwazi ukwahlula phakathi kwesigaba sentetho kunye nesafobe. Ngokomzekelo baye bathi xa bebuzwa okanye kusithiwa mabanike isafobe banike isigaba sentetho: bathi sisibayiyo endaweni yesikweko, bathi sisichasi endaweni yochasaniso. Oku kuchaphazele onke amaziko abechophele iimviwo lweli phepha.

IINGCEBISO

- Abafundi mabaqhelaniswe nokuphendula imibuzo emide bangasoloko benikwa imibuzo engumngeni kwindlela abacinga ngayo yokuhlalutya.

- Kunganceda kwakhona ukuba ootitshala babaqeqeshe baze babashumayeze ngokuba mabafundisise imiyalelo ngaphambi kokukhetha imibuzo. Kule mibuzo mifutshane baye bayiqhawule xa beyikhetha bangayibhali yonke imibuzwana yayo: umzekelo bakhethe umbuzo 5.1. bamyeke u-5.2. kanti ke le mibuzo ihamba yomibini.

- Abacebisi besifundo mabakhe batyelele izikolo zasebusuku zika-*ABET* nokuba kukanye ngekota ukuze nabo ootitshala bazo bathi qwa malunga neemfuno zesifundo eso.

- Kwakhona mababandakanywe kwizikolo ezisebenzisanayo *(clusters)* ezisekiweyo nabo babe yinxalenye yazo.

- Abafundi bakwa-ABET mababhale amaphepha afana nqwa nalawo abhalwa kwizikolo ezisebenzisanayo *(clusters)*, kwii-EMDC phakathi enyakeni ukuze nabo bazi kwaye bakwazi ukuxhobela ukuphendula le mibuzo bathi bagagane nayo ukuphela konyaka. Abacebisi besiXhosa mababababandakanye kwezi mviwo.

- Nabo mababhale le misetyenzana yepothifoliyo ibhalwa emini nokuba ke abayibhalanga yonke ngenxa yexesha ababonana ngalo nootitshala babo.

- Mababekho abafundi baka-ABET kwimidlalo ethi yenziwe isenzelwa izikolo ezinamaBakala 12, babukele ukuze nabo bancedakale bafumane ulwazi olungaphezulu njengabo bafundi bafunda emini.

- Mabanikwe imibuzo ecela umngeni kwingqiqo yabo nelola isakhono sabo sokucinga nzulu.